



## Never too early, never too late!


Making time in a busy day to read to children, is an investment in their future, no matter what their age. These pleasurable times not only show children that you enjoy their company and care about them, but they build lifelong good memories of books and reading too!

## Akukho phambi kwexesha, kungekho mva kwexesha!

Ukuzinika ixesha lokufundela abantwana ngosuku oluxakekileyo, kukubaxhobisela ingomso, nokuba badala kangakanani na. La maxesha olonwabo awabonisi nje kuphela ukuthanda kwakho ukuba kunye nabantwana kwanokubakhathalela, kodwa adala iinkumbulo ezimnandi malunga neencwadi ngokunjalo nokufunda kubo bonke ubomi babo!

### IT'S NEVER TOO EARLY!

- ★ Do you ever wonder how old children should be when you start reading to them? Maybe you think you should wait until they have learnt to read before you start. But would you wait until a baby understands what you are saying before you talk to him or her? No, because that would make learning to talk difficult! Well then, you shouldn't wait for children to be able to read by themselves before you regularly read to them.
- ★ Sharing books with pictures, rhymes and stories with babies, teaches them vocabulary and language – and it gets their brains thinking! It's also a wonderful way to relax and bond with a baby.
- ★ The more you read aloud and talk to babies, the more words they hear. Very soon you'll hear them using these words themselves!
- ★ Reading to babies helps them understand that print has meaning and teaches them how we tell stories.
- ★ Most importantly, when adults regularly read to babies and young children, these youngsters grow up seeing reading as fun and worthwhile. So, they are more likely to choose to read in their free time when they are older.



### AKUKHO PHAMBI KWEXESHA!

- ★ Ukhe uzibuze ukuba abantwana bafanele ukuba badala kangakanani xa uqalisa ukubafundela? Mhlawumbi ucinga ukuba ufanele ukulinda bade bakwazi ukuzifundela ngokwabo phambi kokuba wena uqalise. Kodwa ingaba ulinda lude usana luyiqonde into oyithethayo phambi kokuba uthethe nalo? Hayi, kuba oku kungakwenza kube nzima ukufunda ukuthetha! Ngoko ke, musa ukulinda ukuba abantwana bade bakwazi ukuzifundela ngokwabo phambi kokuba ubafundele rhoqo.
- ★ Ukubonisa iintsana iincwadi ezinemifanekiso, iivesi zabantwana namabali abalisa ngabantwana, kubafundisa isigama nolwimi – kuze kwenze ukuba iingqondo zabo zicinge! Kukwayindlela engummangaliso yokuphumla nokuthi nca elusaneni.
- ★ Ngokuya usithi chatha ukufundela iintsana ngokuvakalayo nokuthetha nazo, aya ngokwanda amagama abawevayo. Kungekudala uya kuziva sezivasebenzisa la magama ngokwazo!
- ★ Ukufundela iintsana kuzinceda ngokuthi ziqonde ukuba okushicilelweyo kunentsingiselo kwaye kuzifundisa indlela esiwabalisa ngayo amabali.
- ★ Okubaluleke kakhulu, xa abantu abadala bezifundela rhoqo iintsana nabantwana abancinane, aba bantu batsha bakhula bekubona ukufunda njengolonwabo nanjengento efanele ukwenziwa. Ngoko ke, kungalindeleka ngakumbi ukuba bakhethe ukufunda ngexesha labo lokungenzi nto xa sebethel dlandlu.

### IT'S NEVER TOO LATE!

- ⌚ Is it too late to start reading to children when they are already at preschool or school? Just like it is never too early to start, it is also never too late to start! Children of all ages benefit from having someone read to them regularly.
- ⌚ When should you stop reading to children? Even once children have learnt to read, you can help them get better at it by reading books together that are too complicated for them to tackle on their own.



### AKUKHO SEMVA KWEXESHA!

- ⌚ Ingaba kusemva kwexesha na ukuba kuqaliswa ukufundela abantwana xa sebengenile kwibanga eliphambi kwelokuqala esikolweni okanye xa sebesikolweni? Njengoko kungekho phambi kwexesha ukuqalisa, ngokunjalo akukho semva kwexesha ukuqalisa! Abantwana abakuwo onke amabanga obudala banento abayizuzayo xa kukho umntu obafundela rhoqo.
- ⌚ Ufanele ukuyeka nini ukufundela abantwana? Naxa sebekwazi abantwana ukuzifundela ngokwabo, unakho ukubancedisa ukuze bafunde phucukileyo ngokuthi nizifunde kunye iincwadi ezithande ukubanzimela ukuba bazifundele ngokwabo.

### Did you know?

- 📖 The more children read,
- 📖 the better they become at reading, and
- 📖 the more pleasure they get from it, so,
- 📖 they are more likely to choose to read.

Do you need advice on reading aloud to children? You can find lots of ideas and guidance in our "How to guides" in the "Storytelling" section of the Nalibali website – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

### Ubusazi na?

- 📖 Ngokuya befunda ngokuthe kratya abantwana,
- 📖 kuya ngokuphucuka ukufunda kwabo, ngokunjalo
- 📖 naxa lusiya ngokwanda ulonwabo abalufumana kuko, ngoko ke,
- 📖 kungalindeleka ukuba bakhethe ukufunda.

Ingaba udinga ingcebiso malunga nokufundela abantwana ngokuvakalayo? Unakho ukufumana izimvo ezininzi nokhokelo kwizikhokelo zethu ze "How to guides" kweli candelo lithi "Storytelling" lewebhusayithi kaNalibali – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.

## Stories@school

Making stories part of the physical environment of your school sends a clear message to everyone that your school believes in the importance of reading and storytelling. Here are some practical ways you can do this.

- ✏ Create a notice board where children can post information about what they are reading. Write a heading for the notice board, for example, "What we are reading" or "Our reading". Then leave slips of paper next to the board for children to express whatever they want to about a book, and pin this onto the board. The slips should have space for the child to write the title of the book, the author and a comment about it. You might also want to include some star shapes at the bottom for the child to colour in depending on how much they enjoyed the book.
- ✏ Find some wall space in the staffroom to display information about books, authors, illustrators, literacy articles and activity ideas for the staff to read. Make sure to change these regularly to keep them fresh and interesting.
- ✏ Paint a wall in the playground with chalkboard paint and supply chalk for children to write or draw their stories on it. Children could also have fun continuing another child's story thread. Encourage them to leave positive comments on the wall about the stories they have read.
- ✏ Find inspiring quotes about reading and writing in books and on the internet. Translate the quotes into all the languages spoken at your school and copy each quote in large writing onto a separate sheet of paper. Display the quotes around your school to inspire everyone, including visitors!



## Amabali esikolweni

Ukuthathwa kwamabali njengenxalenye yokusingqongileyo esikolweni sethu kuthumela umyalezo ocace gca, kuye wonke umntu, wokuba isikolo sethu siyakholelwa kwaye sikuqonda ukubaluleka kokufunda nokubalisa amabali. Nazi ezinye iindlela eziluncedo onokuzisebenzisa ukwenza oku.

- ✏ Yiba nebhodi yokuxhoma izaziso ukwenzela ukuba abafundi bakwazi ukuxhoma ingcombolo yolwazi emalunga noko bakufundileyo ezincwadini. Bhala isihloko kwibhodi yezaziso, umzekelo, "Kakade kokuphi esikufundayo" okanye "Ukufunda kwethu". Emva koko ushiye iziqwentshu zamaphepha ecaleni kwebhodi ukwenzela ukuba abantwana babhale kuwo bevakalisa izimvo zabo ngoko bangathanda ukufunda encwadini, baze bakuxhome oku ebhodini. Iziqwentshu zamaphepha kufuneka zibenezithuba zokubhala ukwenzela abantwana ukuba bakwazi ukubhala isihloko sencwadi, igama, bandule baphawule ngayo. Mhlawumbi ungafakela nezakheko ezibunkwenkwezi ngasezantsi encwadini yomntwana ukwenzela ukuba bafakele imibala kuzo kodwa oko koxhomekeka kubo ukuba bayithande kangakanani na incwadi leyo.
- ✏ Khangela udonga olungenanto kwigumbi lokusebenzela lootiishala uxhome ingcombolo yolwazi emalunga neencwadi kulo, ababhali, abazobi, amaqaku ngelitheresi kunye neengcebiso ezingokufundisa ukufunda ezilungiselelwe ootiishala. Qinisekisa ukuba ukutshintsha oku rhoqo, ukwenza kuhlale kunika umdla kunomtsalane kananjalo.
- ✏ Peyinta udonga olukwindawo yokudlala ngepeyinti yokubhala ebhodini wandule unike abantwana itshokhwe, babhale okanye bazobe amabali abo kulo. Abantwana bangakonwabela kakhulu nokuqhubeka bethathela kwibali lomnye umntwana. Bakhuthaze ukuba babhale izinto ezakhayo eludongeni malunga namabali abawafundileyo.



✏ Khangela izicatshulwa ezinika inkuthazo malunga nokufunda nokubhala kwiincwadi nakwi-intanethi. Guqulela izicatshulwa ezo uzifumeneyo kwiilwimi ezithethwa esikolweni sakho wandule ukope isicatshulwa ngasinye, usibhale ngamagama amakhulu ephepheni elizimeleyo elikhulu. Zibonise izicatshulwa ezo esikolweni ikelele ukukhuthaza wonke umntu ukuba afunde aze abhale, kuquka neendwendwe ezityelele esikolweni!

"You can find magic wherever you look. Sit back and relax, all you need is a book!"  
Dr. Seuss

"Ndawo yonke okhangela kuyo kulula ukubona ummangaliso. Hlala phantsi uphumle, okudingayo yincwadi kuphela!"  
Dr. Seuss

"If you don't like someone's story, write your own."  
Chinua Achebe

"Xa ungathandi ukufunda ngebali lomnye umntu, bhala elakho."  
Chinua Achebe



## WIN! WINA!



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Who's that baby?* (pages 7 to 10), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali elithi, *Ngubani olo sana?* (kwiphepha lesi-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.

book  
dash

## Reading club corner



## Ikona yeclubhu yokufunda

When adults write, they always do so for real reasons, and one of these reasons is to communicate with others. When children are learning to write, they need to know not only *how* to write, but also *why* we write. They need to have real reasons to write. The Diaconia/Nal'ibali reading clubs from the NG Kerk Murray, in De Doorns, Western Cape have been doing just that!


Nal'ibali's Righardt Le Roux explains, "At our reading club sessions children spend time enjoying books and reading. We also talk about everyday events and situations happening around us and further away. Then we offer children opportunities to respond to these in ways that are meaningful to them, for example, by using drawing and writing."

"In February 2019, the tragedy that happened at Hoërskool Driehoek in Vanderbijlpark, Gauteng was in the news. A concrete slab above a corridor linking two blocks of buildings at the school, fell on 26 pupils, killing four and injuring several others. Some of the children at our clubs had heard about this and so we discussed it at our clubs' sessions. Afterwards the children decided to make cards to show support and offer encouragement to the affected families and pupils at the school. We sent all the cards to Hoërskool Driehoek. The children from our clubs were reaching out with love and compassion, and used drawing and writing to express their thoughts and feelings."

What a wonderful way for children to learn about the power of writing!

Xa abantu abadala bebhala, bakholisa ukukwenza oko ngezizathu zenene, kanti esinye sezi zizathu kukunxibelelana nabanye. Xa abantwana befunda ukubhala, abadingi ukufunda ukuba kubhalwa njani kuphela, kodwa mabakwazi ngokunjalo ukuba *kutheni* kubhalwa. Badinga ukuxhotyiswa ngezizathu zenene zokubhala. Ii-clubhu zokufunda zeDiaconia/Nal'ibali ezivela eNG Kerk Murray, eDe Doorns, eNtshona Koloni bezisenza oko ngenene!

URighardt Le Roux wakwaNal'ibali uchaza athi, "Kumathuba eclubhu yethu yokufunda abantwana bachitha ixesha besonwabela iincwadi nokufunda. Siphinda sithethe ngeziganeko nangeemeko ezenzeka yonke imihla kwiindawo esikuzo nakude kuthi. Emva koko sinika abantwana amathuba okuphendula malunga nezi meko ngeendlela ezineentsingiselo kubo, umzekelo, ngokuzoba nangokubhala."



Wade Ferdies from De Doorns writing to Hoërskool Driehoek.

UWade Ferdies waseDe Doorns ebhalela eHoërskool Driehoek.

"KweyoMdumba wama-2019, intlekele eyenzeka eHoërskool Driehoek eVanderbijlpark, eGauteng yayisezindabeni. Isixwexwe sesamente ebesingasentla kwepaseji nebesidibanisa iibloko ezimbini zezakhiwo zesikolo, sawa phezu kwabantwana abangama-26, sabulala abane baze baliqela abenzakalayo. Kukho abantwana beeklabhu zethu abazivayo ezi ndaba ngoko ke sixoxile ngazo kumathuba eeklabhu zethu. Emva koko abantwana benza isigqibo sokwenza iikhadi ezibonisa inkxaso nenkuthazo kwiintsapho nasebantwaneni besikolo abachaphazelekayo. Zonke iikhadi sizithumele eHoërskool Driehoek. Abantwana beeklabhu zethu bafikelela apha ngothando nangovelwano, baze basebenzisa ukuzoba nokubhala ukubalula iingcinga kunye neemvakalelo zabo."

Yindlela emangalisayo le abafunda ngayo abantwana ngamandla okubhala!

## Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

### About Bella

**Age:** 5

**Lives with:** her mom and Noodle

**Friends:** Neo and Priya

**Pet:** Noodle

**Favourite colour:** green

**Favourite outing:** the beach

**Likes stories about:** queens, princesses, witches and animals



## Qokelela abalinganiswa bakwaNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa bakho obathandayo bakaNal'ibali ukuze ubasebenzisele ukuyila imifanekiso eyeyakho, iipowusta, amabali okanye nayiphi na enye into onokuyicinga!

### Malunga noBella

**Ubudala:** 5

**Uhlala naba:** umama wakhe noNoodle

**Abahlobo:** nguNeo noPriya

**Isilo-qabane:** nguNoodle

**Owona mbala awuthandayo:** ngoluhlaza

**Eyona ndawo ayithandayo yokuphola:** lulwandle

**Uthanda amabali athetha ngezi zinto:** ookumkanikazi, amakhosazana, amagqwirhakazi nezilwanyana

### Here's an idea ...

✂ Cut out and colour in the picture of Bella. Then paste the picture on a large sheet of paper. What do you think Bella's story is about? Draw a box next to Bella. Write the words from the page of the story that Bella is reading. You could also draw your own picture to go with these words!

✂ Keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!

### Nalu uluvo ...

✂ Sika ukhuphe uze ufake umbala emfanekisweni kaBella. Emva koko, namathelisa umfanekiso kwicwecwe elikhulu lephepha. Ucinga ukuba ibali likaBella limalunga nantoni? Zoba ibhokisi ecaleni kukaBella. Bhala amagama avela kwiphepha leballi elifundwa nguBella. Unakho nokuphinda uzobe umfanekiso wakho ohambelana nala magama!

✂ Gcina umfanekiso kwindawo ekhuselekileyo uze uthi wakuba uqokelele bonke abalinganiswa bakaNal'ibali, ubasebenzisele ukuyila ipowusta eyeyakho kaNal'ibali!

Here are some of the reviews that our readers have sent us of stories that have appeared in past Nal'ibali Supplements. What have been your favourite stories? Write to us and let us know!

Nalu olunye uphengululo oluthunyelwe ngabafundi bethu kuthi malunga namabali apapashwe kwizihlandlo zoHlelo lweNal'ibali. Ngawaphi amabali owathande kakhulu? Sibhalele usazise!

#### Dear Nal'ibali

I write this email on behalf of my nephew who is 8 years old. He has a new interest in reading isiZulu because of *Unathi and the dirty, smelly beast* (Edition 141). It was a simple and stimulating read for both of us. The illustrations were our favourite part as they were equally entertaining and informative. Thank you for this little story about chance, friendship and mischief!



Gontse Madopi

#### Nal'ibali othandekayo


Ndibhala le imeyili egameni lomtshana wam oneminyaka esi-8. Usuke wanomdla omtsha wokufunda isiZulu ngenxa yebali elithi *U-Unathi nesilo esingcolileyo, esinukayo* (Ushicilelo 141). Belifundeka lula futhi lisivuselela sobabini. Eyona nto besiyithanda kakhulu yimizobo kuba nayo ibisonwabisa futhi iqulethe iinkcukacha. Siyabulela ngeli bali lifutshane elithetha ngethuba, ubuhlobo nentloni!

Gontse Madopi

#### Dear Nal'ibali

*My dream in the drawer* (Edition 142) is an encouraging and realistic story about dreams. It concisely gives the value of a dream. The young boy's dream starts in a drawer – the worst place you can think of. But what is in your mind? What is your dream? What can you do to fulfil your dream? The story states the importance of dreams and that all dreams are valuable.

Leona Kokerai




#### Nal'ibali othandekayo

*Iphupha lam edroweni* (Ushicilelo 142) libali elikhuthazayo nelinokwenzeka ebomini malunga namaphupha. Linika iphupha ixabiso lalo ngokucacileyo. Iphupha lenkwenkwana liqala edroweni – eyona ndawo ingafanelekanga onokuyicinga. Kodwa yintoni esengqondweni yakho? Lithini iphupha lakho? Ungenza ntoni ukuze uphumeze iphupha lakho? Iballi likhankanya ukubaluleka kwamaphupha nokuthi onke amaphupha axabisekile.

Leona Kokerai

#### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



## Dear Nal'ibali ... Nal'ibali othandekayo ...

WRITE TO US!  
SIBHALELE!


The Nal'ibali Supplement  
The Nal'ibali Trust  
Suite 17-201, Building 17  
Waverley Business Park  
Wycroft Road  
Mowbray  
7700  
info@nalibali.org



#### Dear Nal'ibali

Thank you for an amazing World Read Aloud Day story! The children at our school loved *Where are you?* (Edition 150). At the beginning of the day, all the teachers read the story to the children in their classes. We had prepared for the day by asking the children to collect and bring in plastic bottles. Then after we had read the story to them, they spent time trying to walk around balancing the bottles on their heads – just like the children in the story. We finished off with the children doing the other "Get story active!" activities on page 15. Thank you for helping our children to have a fun World Read Aloud Day 2019.

Mrs Cynthia Dlamini



#### Nal'ibali othandekayo


Siyabulela ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi olumangalisayo! Abantwana besikolo sethu balithandile ibali elithi *Uphi?* (Ushicilelo 150). Ekuqaleni kosuku, bonke ootitshala bafundele abantwana ibali eziklasini zabo. Amalungiselelo ethu osuku ebekukucela abantwana ukuba baqokelele iibhotile zeplastiki beze nazo. Emva kokuba sigqibile ukubafundela ibali, bachithe ixesha bezama ukuhamba bengcekelela iibhotile kwiintloko zabo – kanye njengabantwana abasebalini. Siqoshelise ngokuthi abantwana benze eminye imisetyenzana kwicandelo elithi "Yenza ibali linike umdla!" kwiphepha le-15. Siyabulela ngokuncedisa abantwana bethu ukuba babe nolonwabo ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lowoma-2019.

Nksk Cynthia Dlamini

#### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.

Iintlanzi zisigcina sisempilweni entle.



Fish keep us alive.



This is an adapted version of *I am water*, published by New Africa Books and available in bookstores and online from [www.newafricanbooks.com](http://www.newafricanbooks.com), [www.loot.co.za](http://www.loot.co.za) and [www.takealot.com](http://www.takealot.com). This story is available in the eleven official South African languages and is part of the New African Stories series – a series of beautifully illustrated children's stories collected from across Africa.


Olu luguqulelo olulungisiweyo oluthi *Ndingamanzi*, olupapashwe yiNew Africa Books kwaye lufumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-[www.newafricanbooks.com](http://www.newafricanbooks.com), ku-[www.loot.co.za](http://www.loot.co.za) naku-[www.takealot.com](http://www.takealot.com). Eli bali lifumaneka ngeelwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika futhi liyinxalenye yothotho oluthi Amabali Amatsha Ase-Afrika – uthotho lwamabali abantwana abaliswa ngobuchule naqokelelwe kulo lonke elaseAfrika.

**dp davidphilip**  
Trading as **New Africa Books**

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Iintlanzi zihlala emanzini.

Fish live in water.

## I am water Ndingamanzi


*Thembinkosi Kohli*  
*Sindiwe Magona*




Siyadada emanzini acocekileyo.



We swim in clean water.




Amanzi anceda ujonglana akhule.




Water helps the sunflower grow.

Singamanzi, yaye amanzi sithi.




Izandla zam ezivangangisaayo.  
Olo sana luvangangisa izandla.



My waving hands. That baby's  
waving hands.

Ngubani olo sana?



Who's that baby?



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

# Who's that baby? Ngubani olo sana?

Natalie Hinrichsen • Tamsin Hinrichsen  
Chisanga Mukuka • Georgia Demertzis

Owu? Lumkile olo sana!



Who's that baby?

Lufuna ukudlala?



Want to play?

Oh! *That* baby is ... ME!




Owu! *Olo sana* ... NDIM!

Oh, noi That baby's gone!  
Owu, hayi! Lumkile olo sana!



Oh? That baby's gone!



I make a funny face. So does that baby.


Ndenza ubuso obuhlekisayo. Nalo olo sana lwenza njalo.




Ngubani olo sana?



Linzwane zam ezinyakazayo. Linzwane  
ezinyakazayo zolo sana!



My wiggly toes. That baby's wiggly toes!



That baby can walk. Just like me.

Olo sana luyakwazi ukuhamba.  
Njengam ncam.

Ngubani olo sana?  
Who is that baby?



My cute nose. That baby's cute nose.




Impumlo yam entle. Impumlo entle  
yolo sana.

Amanzi anceda umthi ukhule.




Water helps the tree grow.

We are water and water is us.




Musani ukulahla inkunkuma emanzini.

Do not throw rubbish into water.



Wake up! Wake up!  
Turn off the tap!

Vukani! Vukani! Valani  
impompo yamanzi!




Amanzi ahamba imoto yam yokudlala.




Water washes my toy car.

We drink water.



Siyawasela amanzi.



Ndiqokelela amanzi kuwo amafu la.

I collect water from the clouds.

Clean water helps us live.

Amanzi acocekileyo asinceda kubomi bethu.



Please turn off the taps and save water.

Ncedani nivale zonke iimpompo.



## Get story active!



## Yenza ibali linike umdla!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *I am water* (pages 5, 6, 11 and 12), *Who's that baby?* (pages 7 to 10) and *The sad queen and the tickler* (page 14).

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *Ndingamanzi* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12), *Ngubani olo sana?* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi *Ukumkanikazi olusizi nonohlekisa* (iphepha le-15).

### I am water


This book shares the author's ideas about the importance of water.

1. Which message from the book do you think is the most important? Write it on the empty notice board below.
2. What other messages about water – from the book or your own – would you like to tell people? Write some of them on the notice board.
3. Use colour and drawings to make your notice board more eye-catching.
4. Cut it out and display it where other people will see it.

### Ndingamanzi

Le ncwadi ithetha ngezimvo zombhali malunga nokubaluleka kwamanzi.

1. Ngowuphi umyalezo ovela encwadini ocinga ukuba ngowona ubalulekileyo? Wubhale kwibhodi yezaziso engenanto engezantsi.
2. Yeyiphi eminye imiyalezo emalunga namanzi – evela encwadini okanye eyakho – ongathanda ukuyixelela abantu? Bhala eminye kwibhodi yezaziso.
3. Sebenzisa umbala okanye imizobo ukuze wenze ibhodi yezaziso yakho itsale iliso ngakumbi.
4. Yisike uyikhuphe wandule ukuyibeka apho iza kubonwa khona ngabanye abantu.



### Who's that baby?

- Read this story to a baby or toddler. Do the actions as you read, for example, wiggle your toes, wave your hands and point to your nose.
- Look in a mirror and make a funny face. Now draw a mirror and then draw the funny face you saw, on your mirror. Write a short rhyming poem to go with your picture.



### Ngubani olo sana?

- Fundela usana okanye umntwana osabhadazayo eli bali. Yenza iintshukumo xa ufunda, umzekelo, nyakazisa iinzwane zakho, wangawangisa izandla zakho uze walathe impumlo yakho.
- Jonga esipilini wenze ubuso obuhlekisayo. Ngoku zoba isipili uze uzobe ubuso obuhlekisayo obubonileyo, esipilini sakho. Bhala umbongo omfutshane onemvanosiphelo nohambelana nomfanekiso wakho.



### The sad queen and the tickler

- Talk about what makes you feel better when you're feeling sad. Can you think of different ways to cheer someone up when they are feeling sad? Share as many different ideas as you can – there are no right or wrong answers!
- Draw your own "before" (when the queen was sad) and "after" (when the queen was happy) pictures of the queen.



### Ukumkanikazi olusizi nonohlekisa

- Thetha ngento ekwenza uzive bhetele xa uziva ulusizi. Zikhona iindlela ezahluka-hlukileyo onokuzicinga zokonwabisa umntu xa eziva elusizi? Thetha ngezimvo ezahluka-hlukileyo ezininzi kangangoko unakho – akukho zimpendulo zichanekileyo okanye ezingachanekangaga!
- Zoba eyakho imifanekiso kakumkanikazi "phambi" (kwaxa ukumkanikazi ebelusizi) "nasemva" (kwaxa ukumkanikazi ebonwabile).





# The sad queen and the tickler

By Phumlani Mavimbela ■ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood



There was once a sad queen who always had a frown on her face. Nothing made her smile, not even cake ... and cake makes everyone smile! The queen was wealthy as she had many cows, but even that was not enough to turn her frown into a smile.

Every morning when the queen sat at the table, she barely touched her food. She did not speak to anyone, not even to the talkative king, and everyone spoke to the king.

When the traditional healer came to examine the queen, he decided she had a condition called "*Miimoo*". He said it made your face look sad when you said that word slowly.

"Is there a way to cure her?" asked the king.

"Have you tried giving her cake?" asked the healer.

"Yes, we have, many times. She just frowns at it," answered the king.

"That is terrible! No one frowns at cake," said the healer.

"That's what I thought too," said the king.

"Then we will have to call the tickler. She will have the queen smiling in no time," decided the healer.

It was yet another blue Monday for the sad queen when the tickler came rattling in with all sorts of colourful toy-like objects.

"What are all these ridiculous things you bring to my kingdom?" asked the king.

"You mean these beauties," said the tickler. "These are my *ketiing-ketiing*."

"What a strange name," said the king.

"It's really simple. I call them that because *ketiing-ketiing* is the sound they make when they are used together," said the tickler. "Now tell me, what's wrong with the queen?"

"Well, she is sad and has been for six years, eight months, three weeks and two days," explained the king. "Do you think you can help?"


The tickler pulled a big trumpet out of her tiny pocket and blew it near the queen's ear. Instead of a trumpety *pee-pee-de-peep*, the trumpet burped!

The king thought this was very funny and he laughed. Even the sour-looking guards giggled, but not the sad queen. In fact, she just looked sadder than before.

"That's quite an odd trumpet you have there," laughed the king.

"Oh, this is a trump-burp," said the tickler. "It is my funniest *ketiing-ketiing*. Or at least I thought it was, but it has not stopped the queen from frowning."

The tickler then reached into her bag and pulled out a tiny feather the size of her smallest finger. "This is sure to work," she said and tested the feather on the king. It only took a little wiggle of the feather on the end of his nose for the king to start giggling.



"Now let's try this on the sad queen," said the tickler and she wiggled the feather on the end of the queen's nose. Nothing! Not even a silly little smile! Instead, the queen just sighed.

"Oh dear, this has never happened before. The giggly-feather has never failed," said the tickler. "Are you sure the queen is just sad and not ill?"

"She's definitely sad," said the king. "Look at her! She always has that frown, and her hand is always against her cheek. She sighs often too."

"Then I had better try one more *ketiing-ketiing*," said the tickler as she reached into her bag and pulled out a ball of dough. "Where's your kitchen?" she asked.

The royal guards showed the tickler where the kitchen was, and there she used her ball of dough to bake a pie. This pie smelt different from the pies the guards had smelt before.



"What's wrong with your pie?" asked one of the guards. "It smells like my favourite dish that my grandmother used to make."

"There's nothing wrong with the pie. It's a happy pie. It smells different to everyone because it smells like whatever makes you happy," explained the tickler.

The tickler cut a large slice of pie and presented it to her royal highness. When the queen sniffed the pleasant smell, she burst into tears.

"Now look, you've made things worse!" said the king to the tickler.

"Look again," said the tickler.

The king looked at the queen. She was smiling and in tears!

"Those are tears of happiness," said the tickler.

The queen kept scooping spoonful after spoonful of pie into her mouth. As she did, she explained that the pie reminded her of her daughter, whom she missed terribly. Soon the queen had eaten the whole pie. It was so scrumptious that she even licked the plate clean.

The king was so happy to see his wife smiling again after six years, eight months, three weeks and two days.

The next morning, the king and the not-so-sad queen visited their daughter. They found out that the princess had also been sad because she was apart from her parents. So, from then on, they visited each other often. The queen was once again a happy queen ... even when she saw cake. And, all of this, because of the clever tickler.





# Ukumkanikazi olusizi nonohlekisa



Libali likaPhumlani Mavimbela ■ Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood  
■ Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi

Kwakhe kwakho ukumkanikazi owayelusizi nowayesoloko enentshwaqa ebusweni bakhe. Ayikho into eyayimncumisa, nditsho nekeyiki le ... yabe ikeyiki siyayazi incumisa wonke umntu! Ukumkanikazi wayesisityebi eneenkomo ezininzi ezazilikhazi lentombi yakhe, kodwa naleyo zange ikwazi ukutshintsha intshwaqa yakhe ibe luncumo.

Intsasa nentsasa ukumkanikazi ehleli etafileni yesidlo sakusasa, wayengakuchukumisi ukutya kwakhe. Wayengathethi namntu, engathethi naye nkqu nokumkani owayesisithethi, yaye wonke umntu wayethetha nokumkani.

Xa kwakufike igqirha lize kuxilonga ukumkanikazi, lagqiba kwelokuba wayegula sisigulo ekuthiwa ukubizwa ngu "Mimoo." Lathi sasibenza ubuso bukhangeleke lusizi xa eli gama ulibiza ngokuzekelela.

"Ikhona indlela yokumnyanga?" wabuza ukumkani.

"Ubukhe wazama ukumphya ikeyiki?" labuza igqirha.

"Ewe, senjenjalo, amaxesha ngamaxesha. Use ayifingele iintshiyi," waphendula ukumkani.

"Imbi ke loo nto! Akukho mntu ukhe afingele ikeyiki iintshiyi," latsho igqirha.

"Nam bendicinga ngolo hlobo," watsho ukumkani.

"Ngoko ke kuza kufuneka sibize unohlekisa. Uya kumenza ukumkanikazi ancume kungekudala." lagqiba ngolo hlobo igqirha.

Yayikwangomnye uMvulo wosizi ukumkanikazi olusizi xa kwafika unohlekisa ekroxomisa iintlobo-ntlobo zezinto zokudlala ezimibala-bala.

"Zintoni ezi zingaqhelekanga uza nazo ebukumkani bam?" wabuza ukumkani.

"Uxela ezi zinto zintle?" watsho unohlekisa. "Ngookroxo-kroxo bam aba."

"Gama mni yena lowo," watsho ukumkani.

"Eneneni ilula le nto. Ndizibiza ngolu hlobo kuba ukroxo-kroxo sisandi ezisenzayo xa zisetyenziswa kunye," watsho unohlekisa. "Ngoko ke khawundixelele, yintoni ekhathaza ukumkanikazi?"


"Kaloku, ulusizi kwaye usoloko enjalo iminyaka emithandathu, iinyanga ezisibhozo, iiveki ezintathu neentsuku ezimbini," wachaza ukumkani. "Ucinga ukuba unganceda?"

Unohlekisa wakhupha ixilongo elikhulu epokothweni yakhe encinci walivuthela kufutshane nendlebe kakumkanikazi. Endaweni yesandi esiqhelekileyo sexilongo esithi *pruupruu-pruu*, ixilongo lasuka labhodla nje!

Ukumkani wayibona ihlekisa le nto watsho wahleka. Nkqu oonogada ababekade bequmbile bagigitheka, kodwa hayi ukumkanikazi olusizi. Eneneni, wasuka walusizi ngaphezu kwakuqala.

"Laza alaqheleka eli xilongo lakho," wahleka ukumkani.

"Owu, *lixilongo-bhodla* eli," watsho unohlekisa. "Ngoyena *kroxo-kroxo* wam uhlekisayo. Gxebe bendicinga ukuba kunjalo, kodwa ayimenzanga wayeka ukubamba intshwaqa ukumkanikazi."



Unohlekisa ngoko wafaka isandla epokothweni yakhe wakhupha usityana oluncinci olungangodkicane wakhe. "Lo akanakungasebenzi," watsho elulinga usiba kukumkani. Kwanela nje ukuba ayinambuzelele ikumkani empumlweni yayo, yaqala ukugigitheka.

"Ngoko ke masiyilinge le nto kukumkanikazi olusizi," watsho unohlekisa waza wamnambuzelela ngosiba empumlweni ukumkanikazi. Cwaka! Kunani khona uncunyana nje oluncinci! Ndaweni yoko, ukumkanikazi wasuka wanesingqala.

"Owu bethuna, zange ikhe yenzeke le nto ngaphambili. Olu siba lugigithekisayo zange lukhe lohlulakale," watsho unohlekisa. "Uqinisekile ukuba ukumkanikazi ulusizi nje, akaguli?"

"Ngokuqinisekileyo ulusizi," watsho ukumkani. "Mjonge! Usoloko enalaa ntshwaqa, kwaye usoloko ebambebele esidleleni. Kwaye usoloko enesingqala."

"Ngoko ke makhe ndizame omnye *ukroxo-kroxo*," watsho unohlekisa efaka esandla ebhegini yakhe ekhupha imbumba yentlama. "Liphi ikhitshi lakho?" wabuza.

Oonogada basebhotwe bambonisa unohlekisa apho likhoyo ikhitshi, waza wasebenzisa imbumba yakhe yentlama ebhaka iphayi. Yayinephunga elahlukileyo kwiiphayi oonogada ababekhe baliva ngaphambili.



"Injani na le yakho iphayi?" wabuza omnye woonogada. "Inuka ngathi kukutya endikuthanda kakhulu, *amasi*, ayedla ngokwenziwa ngumakhulu wam."

"Akukho nto imbi ngale phayi. Yiphayi eyonwabisayo. Inuka ngokwahlukileyo kumntu wonke kuba inuka njengayo nayiphi into ekonwabisayo," wachaza unohlekisa.

Unohlekisa wasika isilayi esikhulu sephayi wasinika ukumkanikazi. Wakujoja ukumkanikazi eve eli vumba limnandi kangaka, wasuka walila.

"Jonga ke ngoku, umoshe ngakumbi!" watsho ukumkani kunohlekisa.

"Jonga kwakhona," watsho unohlekisa.

Ukumkani wamjonga ukumkanikazi. Wayencumile ekwasezinyembezini!

"Ezo ziinyembezi zovuyo," watsho unohlekisa.

Ukumkanikazi waqhubeka esikha amacephe ngamacephe ephayi ephosa emlonjeni. Esikha njalo, wachaza ukuba le phayi imkhumbuzo intombi yakhe, nawayeyikhumbula kakhulu. Ngexesha elifutshane wabe sele eyitye yonke iphayi. Yayinambitheka kangokuba wade wayilenca iplelyiti.

Ukumkani wavuya kakhulu ukubona umfazi wakhe encuma kwakhona emva kweminyaka emithandathu, iinyanga ezisibhozo, iiveki ezintathu neentsuku ezimbini.

Ngentsasa elandelayo, ukumkani nokumkanikazi ongaselusizi noko ngoko baya kubona intombi yabo. Bafumanisa ukuba inkosazana le nayo yayilusizi kuba yayohlukene nabazali bayo. Ngoko ke, ukusukela ngoko bathi rhoqo ukuhambelana. Ukumkanikazi waphinda wangukumkanikazi owonwabileyo ... naxa wayebona ikeyiki. Yonke ke le nto, yayingenxa yobukrelekrele bukanohlekisa.





### 1. Complete the picture!

1. Follow the letters of the alphabet to connect the dots and complete the picture.
2. Then write a title for the book Bella is reading.
3. Colour in the picture, and in the empty space, draw other details that tell us more about Bella. Use the facts about her on page 3 of this supplement to help you.

### Gqibezela umfanekiso!

1. Landela oonobumba bealfabhethi ukuze udibanise amachaphaza ngokunjalo ugqibezele umfanekiso.
2. Emva koko bhala isihloko sencwadi efundwa nguBella.
3. Faka umbala womfanekiso, ukuze kwisithuba esingenanto, uzobe ezinye iinkcukacha ezisixelela okuthe vetshe ngoBella. Sebenzisa amanqaku ayinyaniso amalunga naye kwiphepha lesi-3 lolu hlelo ukuze uncedakale.



### 2. Tell a story!

Use your imagination to complete the story. Tell a friend or parent your story.



#### Flying Lerato

One day, long ago, a girl called Lerato was walking through the veld when she saw a little black pig fast asleep under a bush.

"Aha," said Lerato. "We will eat well tonight."

Lerato grabbed the little pig, but to her surprise, it squeaked, "Please, let me go! I'll reward you - I'm a magic pig."

Lerato stared at the pig. "What will you give me?" she asked.

"Well, for one week," said the pig, "you'll be able to fly like a bird in the sky ..."

### Balisa ibali!

Sebenzisa ingcingane yakho ukugqibezela ibali. Balisela umhlobo okanye umzali ibali lakho.

#### ULerato obhabhayo

Ngenye imini kudala kakhulu, intombazana eyayibizwa ngokuba nguLerato yayihamba icanda edlelweni xa yathi yabona ihagwana encinane ilele cum phantsi kwetyholo.

"Heke," watsho uLerato. "Siza kutya kamnandi ngokuhlwa nje."

ULerato wayixhakamfula ihagwana, kodwa wamangaliswa kukutswina kwayo ithetha, "Nceda undiyeke ndihambel Ndiza kukuhlawula - ndiyihagu enemilingo."

ULerato wayiqwalasela le hagu emangalisiwe. "Uza kundinika ntoni?" wabuza.

"Mhhh, iveki yonke," yatsho ihagu, "uya kukwazi ukubhabha njengentaka esibhakabhakeni ..."



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:



www.nalibali.org



www.nalibali.mobi



nalibaliSA



@nalibaliSA



@nalibaliSA



info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

**S**owetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

